# 10

# Eyona ntakumba ikhawulezayo nelumkileyo!


## Isitiya sam

UNtakumba wayehleli ethe cwaka endlebeni kaRatty,
ebukele izinambuzane zixabana … kwakhona!

“Ndim oyen’ ukhawulezayo,” wakhalaza watsho uNtothoviyane.
“Soze!” wandumzela watsho uHlabamanzi.
“Wonke umntu uyazi ukuba ndim oyena ukhawulezayo.”
“Hayi suka, ndim oyena ukhawulezayo,” wabhuza watsho uNyosi.

“Ugqatso,” wacebisa watsho uNtakumba. “Masibeni nogqatso!”





Isitiya sasibhuza njengoko izinambuzane zazizilolongela ugqatso olukhulu.

UNyosi wabhuza esuka kwintyatyambo esiya kwenye eqokelela umungu. Bzzzz!
UNtothoviyane wazilolonga ngemitsi yakhe. Boinggg!
UHlabamanzi wandanda, entinga ekwantywila. Drrrrr!

Usuku logqatso lwafika!
Isitiya sasinesiyezi luchulumanco. Wonke umntu wayelapho.

Bang!

"Bayasuka ... uBhabhathane uyakhokhela ..." watsho uMsundulu.

UNomeva wahlab' uBhabhathane.

"UNomeva uyakhokhela ... yintoni leyo?" waqhubeka watsho uMsundulu. "UBhabhathane uluyekile ugqatso!"

UBhabhathane akakwazanga ukumelana noCakatha.

"Babambene ... uNomeva noHlabamanzi ukuy' emgceni," ilizwi likaMsundulu liyakhonya.

UHlabamanzi utyhal' uNomeva. UNomeva wamtyhala naye. Bayasunduzana. Bayatyhalana. Bayagilana!

UNtakumba wayelele phantsi kwephiko likaHlabamanzi, wavuk' edlokova, ebaleka umlo … wabhabha ukuwela umgca!

"Yhee!" baqhwaba ababukeli.

"Ophumeleleyo nguNtakumba," watsho uMsundulu.

Leyo ke yindlela iMpukane eyaba sisona sinambuzane sikhawulezayo esitiyeni.

